

Ukumkani weentaka

Libaliswa kwakhona
nguNobuntu Stengile
Imifanekiso
nguTamsin Hinrichsen

Kudala-dala ilizwe liselitsha, uNkwazi,
ukhozi lohlobo olungunomakhwezana,
lwabiza zonke iintaka.

“Njengoko nisazi,” watsho,
“uBhubesi ingonyama
ngukumkani wezilwanyana.
Kodwa kutheni kufuneka
ethethela nathi zintaka?
Kufuneka sikhethe
owethu ukumkani ...
kwaye njengokuba
ndinobungangamsha,
ndithi maybe ndim lowo!”

Zonke iintaka zaqala
ukuxokozela zingxola
kwade kwavakala ilizwi
lisitsho ngaphezulu
kwamanye. “Nkwazi,
unobungangamsha, oko
kuyinyaniso,” satsho
isikhova esikhulu
esinguKhova. “Kodwa
amehlo am amakhulu
abona yonke into
eyenzekayo. Oko kundenza
ndibe nobulumko –
kwaye ukumkani udinga
ubulumko!”

Kwakhona iintaka
zaxokozela zingxola,
kwade kwathetha
iseme elinguNgqithi.
“Ndicinga ukuba ibe
ndim ukumkani!” watsho.
“Ookumkani kufuneka babe
bakhulu bomelele, kwaye
ndim eyona ntaka inkulu
neyomeleleyo kunazo zonke iintaka.”



Zaqala iintaka zaxoxa ngokuba ngubani na ekufuneka abe ngukumkani.

Kwavakala ilizwi elibukhali lisitsho ngaphezulu kwaloo ngxokolo,

“Uxolo! Uxolo!” YayinguNcede, intaka enetshiki. Nangona isihlwele sasihleka ngenxa yetshiki yakhe, bamvumela ukuba athethe – kodwa zange kubekho namnye kubo owakholelwayo xa esithi NGUYE ofanele ukuba abe ngukumkani!

“Yintoni kanye kanye enokukwenza ube ngukumkani olungileyo?” wabuza uNkwazi, emva kokuba wonke ubani eyekile ukuhleka.

“Ngokwenene akukho nto ikhethekileyo,” watsho uNcede, “kodwa ndicinga ukuba nam kufuneka ndilifumene ithuba njengaye wonke umntu!”

“Kulungile,” watsho uNkwazi, “masibe nokhuphiswano!” Zonke iintaka zayithanda loo ngcinga. Bavumelana ukuba ngosuku lokuqala emva kwenyanga epheleleyo, xa ilanga lisencotsheni yentaba, zonke iintaka ziza kubhabha ukuze zikhangele ukuba yeyiphi eyona ntaka ibhabhele phezulu ukogqitha zonke ezinye. Lowo uphumeleleyo uza kuba ngukumkani.

Usuku olubarulekileyo lwafika. Iintaka zalibukela ngomonde ilanga liphuma. Nangona uNcede omncinane wayezimisele ukuba uza kuzibonakalisa ukuba anganguye ukumkani, wayesazi ukuba amaphiko akhe abuthathaka akanakukwazi ukubhabha aye phezulu.



Ngoko ke, phambi nje kokuba iintaka zintingele phezulu, wachwechwa ngokuzolileyo wangena phantsi kweentsiba zeempiko zikaNkwazi.

Ukhozi olungunomakhwezana lwaluxakeke kakhulu lujonge ilanga kangangokuba zange luve nto kwaphela.

Ngomzuzu elithe ngawo ilanga lafikelela encotsheni yentaba, iintaka zantingela phezulu esibhakabhakeni. Ngokukhawuleza uninzi lwazo lwadinwa, kwaza kwasala ukhozi, isikhova kunye neseme kugqatso.

UKhova woyisakala. Njengokuba wayesihla esiya emhlabeni, uNkwazi noNgqithi bantingela phezulu nangaphezulu ... kodwa emva kwemizuzu emihlanu iseme elinzima alizange likwazi ukunyukela phezulu. “Aa Nkwazi”, latsho kalusizi xa lisihla ngokukhawuleza ukuya emhlabeni, “uphumelele!”

“WHEEE-WHEEE-WHEEE!” lakhala ngelizwi elihlabayo ukhozi ngoloyiso, lisebenzisa onke amandla alo laze lanyukela phezulu. Kodwa ngephanyazo live ilizwi elicaphukisayo. “Ungafane untingele phezulu ngokukhawuleza, Nkwazi!” watswina uNcede, ephuma phantsi kweempiko zokhozi kwaye entingela phezulu kunalo. “Awukaphumeleli!” Usizana lokhozi olungunomakhwezana! Lalidinwe kakhulu, kwaye lalingakwazi ukuba linganyuka liye phezulu ligqithe loo mgama. Lincwina lawela emhlabeni.





UNcede wayelinde kanye oku!
Wabhabba wemka waya ehlathini.
“Sidengendini!” wakhwaza
uNkwazi, owambonayo uNcede
esithela xa kanye yena esiza
kukhulula uKhova, “ULELE YOYI!”

UKhova waba neentloni waza
wagqiba kwelokuba azingale
ebusuku aze alale emini ukuze
ezinye iintaka zingalifumani ithuba
lokumgxeka. UNcede ke yena
uphaphazela ehlathini, kungekho
ndawo ahlala ixesha elide kuyo
ukuze ade abanjwe. Ngubani ke
owaba ngukumkani? Enyanisweni,
iintaka zazinomsindo ngakuNcede
kangangokuba zange zibe
samenyula ukumkani wazo!

Iintaka zavutha ngumsindo ngamaqhingga kaNcede.
Uthe xa esithi ngcu emhlabeni, zonda ngaye zonke
zinomsindo – kodwa phambi kokuba zenze nantoni na,
le ntaka incinane yathi tshwi yangena emngxunyeni
wenyoka engasahlaliyo kuwo.

“Phuma kaloku!” zakhala iintaka, “uze kufumana
ibhaso olisebenzeleyo.” Kodwa nangona balindayo aphi
ngasemngxunyeni ubusuku bonke, uNcede wahlala
kulaa ndawo ebehleli kuyo engaphumi.

“Masinikane ithuba lokulinda!” watsho uNkwazi kusasa.
UKhova wavuma ukuba uza kuba ngumlindi wokuqala
lo gama ezinye izilwanyana zisiya kulala okanye zisiya
kuzingela. Walinda ixesha elide kakhulu, kodwa
kwakungekho phawu lukaNcede. “Amehlo am omelele,”
watsho ezithethela, “ndingasebenzisa elinye kuphela.
Ndiza kulivala eli lasekunene ndijonge ngelasekhohlo.”
Emva kwexeshana watshintsha ukujonga, wavula
elasekunene waze wava lalesekohohlo. Oku
kwaqhubeka ixeshana, Wade walibala ukugcina iliso
lakhe elinye lijongile waza walala yoyi.

